education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

XHOHL.1

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2009

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

MORNING SESSION

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

WESTERN CAPE

Tyhila iphepha

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
   ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
   ICANDELO C: Ulwimi (30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

5. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.

6. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ABANTWANA ABATEFISWAYO

1. Abazali abaninzi bancama imali abayisebenzele nzima ubomi babo bonke bahlawulele imfundo yabantwana babo yaseYunivesithi, kodwa ufumana ukuba uninzi lwaloo mali idyakrazwa ekuthengeni impahla yefashoni ngabantwana abafuna ukubonwa nabo benxiba impahla yexabiso.

2. Abazali abasebenza nzima babopha ibhanti besonga imali ukuze abantwana babo bafumane imfundo ephakamileyo. Abantwana abaninzi bayibona ingabalulekanga kubo loo mfundo ngaphezu kokuba nabo babonwe benxiba iimpahla zexabiso ziitshomi zabo. Kule minyaka, abantu bathanda izinto zexabiso, ubonwa ukuba uwuxhomile umgangatho ekhampasini xa unxiba iimpahla zehombo eziphambili nezingena nzulu epokothweni. Oku kungqinwa ngumfundi onguPhindile Gxumisa othi, "Ukunxiba iimpahla ezinamagama kuyinto enkulu nebalulekileyo kubafundi abafunda kumaziko emfundo ephakamileyo." Leyo yinto abazali abangayiniki ngqwalasela kuba bona bacinga ukuba bagqibile xa bekhuphe imali yokufunda, eyeencwadi neyendawo yokuhlala. Benza impazamo enkulu ngokucinga kanjalo kuba abantwana abazibona bengekho ntweni kuba bengenazo iimpahla eziphambili baqhatha abazali babo, bacele imali abathi yeyeencwadi kanti baza kuzithengela ngayo izinto zabo.

3. Abazali nabo bawa bevuka bezamela abantwana babo loo mali bayicelayo bengazi ukuba bayaqhathwa kuba behlala kwelinye iPhondo okanye bengazange bawubona umnyango waseYunivesithi. UYandiswa Ndiwa oneminyaka engama-22 owenza unyaka wesithathu kwizifundo ze*Psychology e-University of Western Cape* uthi yena unethamsanqa kuba unotata owamkela umvuzo ophezulu noyiqondayo imfuneko yokuba ufanele anxibe impahla esemgangathweni, kodwa uyavuma ukuba abafundi "bayagabadela" ngokufuna ukuzibonakalisa ngeempahla ezinamagama ze*Carvella, iGucci, iTommy Hilfiger nePolo*. Bacinga ukuba ukunxiba ezo mpahla zinamagama kuza kubatsalela abahlobo abasuka kwiintsapho ezifumileyo, utsho uYandiswa. Abanye abafundi abanabazali abangathathi ntweni okanye abangafuni nokuyiva into yokuthengwa kweempahla zodidi bade bagrogrise ngokuzibulala nokuthandana namadoda amadala aza kubapha imali. Enye into abagrogrisa ngayo abazali kukuyeka ukufunda xa benganikwa abakufunayo. Oku kuba yintlungu enkulu kusapho olubophe ibhanti iminyaka lusonga imali yokusa umntwana walo eYunivesithi. Bambi babuza umbuzo othi, "Wawundizisela ntoni emhlabeni xa ungakwazi ukundithengela into endiyifunayo?" Ingxaki kukuba abafuni kushiywa ziitshomi zabo. Uthi uZinzi xa abahlobo bakhe benxiba iijin ze*Levis 501* naye uyazifuna.

4. Ufumana nabafundi abasuka kwiintsapho ezingamahlwempu bekufihla oko ngokunxiba iimpahla ezinamagama, utsho uRema ongumncedisi wabafundi, e*Walter Sisulu University*. "Kaloku siphila kwilizwe ojongwa umgangatho wakho ngokwento oyinxibileyo." Oku kubeka abazali phantsi koxinzelelo, ingakumbi abaphila ngezibonelelo zikaRhulumente. Banyanzeleka ukuba baboleke imali baze bagqibele bengakwazi ukondla amanye amalungu osapho. Ukumnika imali ungakhathali umntwana kungamenza umqwebedu ophila ngokuhamba iipati nangokuba linxila. UMpisi Mfete oneminyaka engama-65 owamkela inkam-nkam uthi umntwana wakhe wayecela imali yeencwadi rhoqo wade wafuna ukuzibona ezo ncwadi. Ayizange ize nazo intombi yakhe iincwadi, xa eyibuza ukuba iyithatha phi imali yokuthenga izihlangu rhoqo, yayisithi yimali ezongela yona. Ndadibana nomzali womntwana owayesenza izifundo ezifanayo nezomntwana wam, wandixelela ukuba uyandiqhatha kuba efuna ndimnike imali. Ukwathe, abazali kufuneka babakholelwe abantwana babo xa becela izinto zesikolo kodwa balumke. Okumangalisayo kukuba ezinye iingcali zengqondo zithi, ukumnika umntwana imali ayikokufeketha ngayo kuba kubenza bazithembe nasezifundweni zabo.

5. Baqhuba kakuhle njani ezifundweni zabo xa bechitha ixesha elininzi ezipatini? Ezinye iingcali zengqondo ezifana noKhetheni Msimeki wase-*University of Limpopo* uthi, "Ukungazithembi nokufumana amanqaku aphantsi ezifundweni kubonisa iingxaki ezingaphezu kokungabi namali yokuthenga impahla ephambili. Ukunganxibi njengabanye abafundi kunalo uxinzelelo kubafundi olunjengokudakumba, ukuba lilolo, nokungathandi ukuhlala nabanye abafundi."

6. Kubalulekile ukubanceda abantwana bazibekele izinto abafuna ukuziphumeza ebomini beselula. Abafundi abazibona bexabisekile kubazali neetitshala zabo bangamelana noxinzelelo lokufuna ukunxiba izinto eziphambili. Kubafundi abasuka kumakhaya ngamakhaya mayicace into yokuba ikamva labo lisezandleni zabo.

[Icatshulwe kwi*Bona* magazini kaMeyi 2009, iphepha lama-27 yaza yahlelwa]

1.1.1 Xela izinto zibe MBINI abacinga ukuba bahlawulela zona abazali kumaziko emfundo. (2)

1.1.2 Chonga igama ELINYE elibolekwe kwisiNgesi kumhlathi wokuqala, uze unike intsingiselo eliyinika kwisivakalisi elikuso. (2)

1.1.3 Nika intsingiselo yegama 'idyakrazwa' njengoko lisetyenziswe kumhlathi woku-1. (1)

1.1.4 Zimbini iindidi zabazali ekuthethwa ngazo apha. Zixele. (2)

1.1.5 Nika izinto zibe MBINI abathi abantwana bagrogrise ngazo abazali babo xa bengayinikwa imali abayicelayo. (2)

1.1.6 Umbuzo othi, "Wawundizisela ntoni emhlabeni xa ungakwazi ukundithengela endikufunayo?", uphuhlisa ntoni ngesimilo sabantwana ngokwezi zinto zilandelayo:

A Ukuba nembeko
B Ukungabi nambeko
C Ukungafuni ukufunda (1)

1.1.7 Khetha impendulo esisithetha-ntonye nebinzana **ukubopha ibhanti** ngokwesicatshulwa.

A Ukubopha isinxibo sakho ukuba singawi.
B Ukuxolela ukulala ungatyanga ngenxa yokongela into oyifunayo.
C Ukuncamela umntwana wakho imali onayo. (1)

1.1.8 Cebo lini elisetyenziswa ngabafundi abanabazali abangathathi ntweni ukuze bafumane imali yokuthenga iimpahla eziphambili kumhlathi wesi-3? (1)

1.1.9 Ngokwesicatshulwa bangakulumkela njani abazali ukuqhathwa ngabantwana babo? Xela izinto zibe MBINI. (2)

1.1.10 Abantu bathanda izinto zexabiso kule minyaka ngokwesicatshulwa. Yinyani okanye luluvo? (1)

1.1.11 Imchaphazela njani umfundi kwinkqubo yakhe yesikolo into yokungakwazi ukufumana imali yeemfuno zesikolo? (Kumhlathi wesi-5) (2)

1.1.12 Ngokwesi sicatshulwa, umbhali ubaveza bengabantwana abanjani aba basebenzisa imali yabazali babo ngendlela engeyiyo? (2)

1.1.13 Yintoni onokuyenza enokukwakha xa inokuba nguwe ongakwaziyo ukufumana imali oyicelileyo kubazali bakho kuba bengathathi ntweni? (2)

1.1.14 Ngokweenjongo zikaRhulumente ingaba imali yesibonelelo sabazali yimali ekunokufundiswa ngayo abantwana kumaziko emfundo ephakamileyo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.15 Yintoni unobangela wokuba abafundi bacinge ukuba ukufunda kwabo yingxaki yabazali babo? (2)

1.2 IMIBUZO ESEKELWE KUMFANEKISO KABRENDA FASSIE



1.2.1 Xa ujonga lo mfanekiso ungasentla, ungathi yintoni eyona nto iphambili ayenzayo uBrenda? (1)

1.2.2 Ngabantu abangakanani ngobudala abathanda kakhulu umculo kaBrenda? (1)

1.2.3 Ngokwenkangeleko yangaphandle uBrenda ubonakala ewonwabele umculo wakhe. Ngqina olu luvo. (2)

1.2.4 UBrenda ukhangeleka enentwaso yomculo. Yintoni engqina oko ngokomfanekiso? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

WESTERN CAPE

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule usishwankathele ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 uze uzicwangcise ngendlela ehambelanayo nethungelanayo.

2. Sebenzisa izivakalisi eziphelelelyo, ubhale ngawakho amazwi, ungawulahli umxholo.

3. Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.

4. Ubude bomthamo wesishwankathelo mabususele kumagama angama-60 ukuya kwangama-70.

5. Kunyanzelekile ukuba ulibhale ngokuchanekileyo inani lamagama owasebenzisileyo ngezantsi kwesishwankathelo.

YEKANI UKUKHALAZA NGOWAMA-2010

Xa unqwenelela ilizwe lakho ukuba lihlelwe yintlekele ukuze ubonwe ukuba ukuchanile okuza kwenzeka, ulihlazo elingathethekiyo. Ndiyakuqinisekisa wonke umntu uza kuba ebobotheka luncumo ezitalatweni zeli mhla usompempe eya kuba ekhalisa impempe yokuqala kwemidlalo yeNdebe yeHlabathi, *eSoccer City*. Olo ncumo lwakube lukho nasezintliziyweni zenginginya elungiselela ubukho beNdebe yeHlabathi kweli. Abantu abaqikelelwa kuma-5000 bakube besebenza njengamavolontiya bengabonwa ukuqinisekisa ukuba abadlali bakhwela ezibhasini zabo kwaye bayawafumana namagumbi okunxibela.

Nangona abantu sele befumana uqeqesho ukulungiselela le ndibano inkulu kangaka yezemidlalo kwimbali yeli, akukho mntu waziyo ncam amabakulindele. Kusekho abanqwenela ukuba ingaqali le midlalo. Abacingi kwaye bajijekile kuba banqwenela izinto zingahambi kakuhle, kungenjalo kubekho intlekele edalwa yimozulu ukuze iNdebe yeHlabathi isiwe kwelinye ilizwe. Okumangalisayo kukuba umongameli we*FIFA* *uSepp Blatter* uqinisekise ukuba ingayimfazwe eya kunyikimisa umhlaba engenza iNdebe yeHlabathi ingabikho.

Kwahlukile ukulumka okanye ukuxhalaba ngenxa yomsitho oza kubakho, kodwa, ukude unqwenelele ilizwe lakho ukuba lehlelwe kokubi khon'ukuze kubonwe ukuba ubunyanisile, ziintloni ezingathethekiyo. Bajonga indlela yokutshabalalisa imisebenzi *kaDanny Jordaan* nabanye abantu abasebenze nzima ukuze siphumelele ngeentetho ezigxekayo. Imbi loo nto. Eyona nto imbi, oonondaba abasixelelanga nokuba akukho mfuneko yokuxhalaba ngenxa yentetho ka*Blatter*. Nokuba ibanjelwe phi na iNdebe yeHlabathi kusoloko kukho indawo eyonyulwayo yokubambisa. Ayinanto yakwenza nobunjani belizwe elikhethiweyo, zizicwangciso nje zokulungiselela okungekehli.

Intetho kaBlatter isetyenziselwe ukuhlekisa ngomsebenzi omninzi osele wenziwe. Ngelo xesha kukho iziganeko eziliqela apho amazwe ayesingethe iindibano ezinkulu zemidlalo ekwafuneka ajongane neemeko ezinzima. Umzekelo *kwiSummer Olympics* kunyaka we-1972 *eWest Germany* abagrogrisi babulala abadlali bakwaSirayeli abali-11. Noxa kwaba njalo imidlalo yaqhubeka ukuze kunikwe imbeko kuloo maxhoba.

Xa sasisingethe iNdebe yeHlabathi yombhoxo ngowe-1995, wonke umntu wayesithi awuzukuphumelela uMzantsi Afrika, kodwa yezisa umanyano elizweni lethu. Ngoku lithuba lebhola ekhatywayo. Mna ndiza kuhlala ndilindele ukubona obo buso bunoncumo – mhlawumbi ndim oya kuba encumile.

[Icatshulwe kwi*Bona* magazini kaSeptemba 2008, iphepha lama-72 yaza yahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

WESTERN CAPE

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

3.1 Yonwabela le ncoko yesi sithathu, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Iqam loku-1

Sipho! Utheth'ukuba woyiswa kukugqiba **lo** msetyenzana wanamhlanje, kobeka phi kowonyaka wonke?

Iqam lesi-2

Hayi mfondini! Ithi indlela ize icace ukuba iya ngaphi na xa ndifunda, ndiqale ndifumane ithuba lokuncedisana **nomnye** umfundi ngomsebenzi.

Iqam lesi-3

"**Bafondini** masidibaneni noma**kazi** wam, uyasazi esi sifundo usifundisa eMonti," utshilo uFana.

3.1.1 Isikhombisi u-**lo** kwiqam loku-1 sisetyenziswe njani?
Khetha impendulo echanekileyo kwezi zidweliswe ngasezantsi:

A Sandulelwa sisibizo.
B Sandulela isibizo.
C Sema kwindawo yesibizo. (1)

3.1.2 Siphuhlisa ntsingiselo ni isimamva u-**kazi** esibhalwe ngqindilili kwiqam lesi-3? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zidweliswe ngezantsi:

A Ubukhulu.
B Ukuzalana.
C Ukuhlonipha (1)

3.1.3 Igama u-**Bafondini** kwiqam lesi-3 lisesiphi isigaba sentetho? (1)

3.1.4 Ingaba u-nye okwigama u-**nomnye** kwiqam lesi-2 uphuhlisa yiphi intsingiselo? (1)

3.1.5 Bhala ngokwengxelo-ntetho isivakalisi esikwiqam lesi-3 ngendlela okhokelwe ngayo ngezantsi.

UFana uthe kubahlobo bakhe ... (4 x ½) (2)

3.2 Ithoni okanye imvakalozwi yesivumelanisi iyakwazi ukutolika umsebenzi owenziwa ligama elithile kwisivakalisi. Chaza indlela igama u-**zibomvu** elisetyenziswe ngayo kwizivakalisi ezibini ezilandelayo.

3.2.1 Ezi ntyatyambo **zibomvu** ziIenza liqhakaze ilizwe. (1)

3.2.2 **Zibomvu** iintyatyambo zalo mthi. (1)

3.2.3 Tshatisa izivakalisi EZIKWIKHOLAM A nentsingiselo ephuhliswayo EKUKHOLAM B.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	Umama ulime iinyantyambo ezibomvu nezimhlophe esitiyeni sakhe.	A	Enxulunyanisiweyo
		B	Erheshayo
(b)	UNomathamsanqa yintyantyambo kwikhaya lakhe.	C	Eyentsusa

(2)
[10]

UMBUZO 4

Yonwabela ukufunda esi sicwangciso seziganeko zikasomajukujuku, uMark Shuttle, uphendule imibuzo esekelwe kuso.

1973	UMark wazalelwa kwidolophu yase*Welkom* eMzantsi Afrika.
1980	Ufudukela eKapa (wayethanda ukudlala imidlalo yekhompyutha esengumntwana).
1990 – 1995	Uthabatha izifundo zeNzululwazi ngezoShishino, egxininisa kwezeMali nezeKhompyutha.
1995	Useka inkampani yakhe *eyiThawte Consulting Internet*.
1995 – 1999	Uvelisa ukhuseleko olungqingqwa kwi-*e-commerce web server.*
1999	**Uthengisela** u*Verisign* inkampani yakhe eyi*Thawte*.
2000	Uqala inkampani iHBD (*Here Be Dragon*) *Venture Capital* exhobisa ezinye iinkampani zaseMzantsi Afrika ezinokukhuphisana nezinye elizweni jikelele.
2000	Uqale i-*Shuttleworth Foundation* ejonge ukuphucula imfundo ngezeNzululwazi, ingakumbi iTeknoloji eMzantsi Afrika.
2001	**Uchithe** iinyanga ezisixhenxe ezilolonga elungiselela ukuntingela emajukujukwini ngesiphekepheke.
2002	Ngo-Epreli waba ngum-Afrika wokuqala ukuntingela emajukujukwini ngesiphekepheke.

[*Ukhanyo*: Dywili N, nabanye iphepha 148]

4.1 Guqula isenzi esibhalwe ngqindilili sibe kwimo elandulayo kwisivakalisi esingezantsi:

UMark **uthabatha** izifundo zeNzululwazi ngezoshishino. (1)

4.2 Sikuluphi uhlobo isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

4.3 Igama u-**uthengisela** sisixando sokwenziwa.
Ingaba yinyaniso okanye bubuxoki? (1)

4.4 Sikuliphi ixesha isenzi u-**uchithe**? (1)

4.5 Izakhi ezibhalwe ngqindilili kwizivakalisi zibonisa ntoni?

4.5.1 UMark wazalelwa kwidolophu yase*Welkom* **e**Mzantsi Afrika. (1)

4.5.2 Uqala inkampani exhobisa ezinye iinkampani za**s**eMzantsi Afrika ezinokukhuphisana nezinye elizweni jikelele. (1)

4.6 Yakha ezakho izivakalisi zibe mbini usebenzisa igama **inkampani** njengesibizo:

4.6.1 esiyintloko (1)

4.6.2 esiyinjongosenzi (1)

4.7 Dibanisa ezi zivakalisi zingezantsi wenze isivakalisi esinye ngokuthi uchonge isihlanganisi esifanelekileyo kwezi zilandelayo: **nangona, kuba**.

UMark unomdla kuphuhliso loMzantsi Afrika. UMark uqale inkampani i-HBD exhobisa ezinye iinkampani zaseMzantsi Afrika. (2)
[10]

WESTERN CAPE

UMBUZO 5

ISIBHENGEZO-NTENGISO

YIZA! NGENA KWASIS'LETA!

UKUTYA! KUNEZAKHA-MZIMBA!! NGENA UNGAPHOSWA-A-A!



Cosololo! Kuyafikeleleka! Kunencasa!
Zivele mntakwethu!
Ungavimba unyokokhulu esifa ngamehlo.
Okhatywe linxele likaKhetsekile uyancedeka!

5.1 Yintoni injongo yokuba kusetyenziswe oonobumba abakhulu kwisihloko sale ntengiso? (1)

5.2 Igama u-'cosololo' likwenza ube nomfanekiso wento:

A Ehla kamnandi emqaleni.
B Enyoshoza okwesongololo.
C Eyanelisayo wakuyiginya.
D A no C (1)

5.3 Chonga isaci esisetyenziswe kwesi sibhengezo. (1)

5.4 Sinika ntsingiselo ni isakhi u-nga kwisenzi **ungavimba** kwisibhengezo? (1)

5.5 Ukutya okudekwe kakuhle kutyhila ntoni ngabantu abakumfanekiso ongasentla? (1)

5.6 Yintoni ephuhlisa ulonwabo kolu sapho? (1)
[6]

UMBUZO 6

Lo mhlathana ungezantsi uzele ziziphene, wulungise ubhale amagama amane alungisiweyo kuphela.

ukusela iglasi zamanzi ezisibhozo ngosuku kunceda ukugutyula ukunchola okukwimizimba yabantu. Lento iyalibaleka kubantu abaninzi, nangona uninzi lwabo luhluphwa kukugula zizintsho. **[4]**

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU EWONKE: 70

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha
WESTERN CAPE